Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

SEPTEMBA 2026

**P.O. Box 20 Hermanus 7200**

| | |
|---|---|
| Hermanus | 028 313 8000 |
| Gansbaai-Stanford | 028 384 8300 |
| Kleinmond | 028 271 8400 |
| Collab Citizen App | |

**24/7 Municipal Emergencies:**

| | |
|---|---|
| Basic Services | 028 313 8111 |
| Fire & Rescue | 028 312 2400 |

# Bulletin

*Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni*

## LUNGELA UNYULO LWEKOMITI YEWADI LWANGO-2027

UMasipala wase-Overstrand ulungiselela uNyulo lweKomiti yeWadi oluzayo ngoFebruwari 2027 ekwaye ukhuthaza abahlali, amaqela oluntu kunye nemibutho ukuba baqale ukucinga ngokuba ngubani abangathanda ukubona emele iimfuno zabo zewadi kunye nezoluntu.

Ukukhetha amalungu ekomiti afanelekileyo kubalulekile kunxibelelwano olukabini oluhle phakathi koluntu kunye noMasipala. Banokuphakamisa imiba eyenzeka kwiwadi, bachonge apho kufuneka khona uphuculo okanye iiprojekthi ezintsha ngeendlela ezifanelekileyo, kwaye bagcine abahlali benolwazi malunga neeprojekthi zikamasipala kunye namaxesha amiselweyo.

Amalungu ekomiti anokunceda abahlali baqonde ukuba uMasipala unoxanduva luni, yintoni igunya lakhe kunye nemida enokuchaphazela ukunikezelwa kweenkonzo.

### QALISA UKUZILUNGISELELA NGOKU

Ngenyanga ka-Septemba/Oktobha 2026, uMasipala uza kumema imibutho ebhalisiweyo, amacandelo kunye neebhloko ezichongwe kwangaphambili ngokweendawo okanye zemibutho ukuba zingenise iSibhengezo soMdla sokuthatha inxaxheba kuNyulo lweeKomiti zeWadi.

### NGUBANI ONOKUTHATHA INXAXHEBA?

Umdla uyamenywa kwizakhiwo zasekuhlaleni ezisebenza kwiwadi ethile, kuquka:

- Imibutho: Amaqela amele izinto ezithile, njengolutsha, abafazi, amaqela enkolo, imibutho yabahlawuli berhafu kunye nemibutho yabanini bezindlu. Amaqela ezopolitiko awafanelekanga.
- Amacandelo: Imibutho yoququzelelo (i-Umbrella bodies) emele iimfuno zoluntu ngokubanzi, njengezemidlalo nokuzonwabisa, okanye impilo nentlalontle.
- Iibhloko zeJografi (zeNdawo) Ezimiselwe kwangaphambili: Amaqela amele iindawo ezithile kwiwadi, njengeendawo zasekuhlaleni, ulwandiso okanye iilali.

Eli linyathelo lokuqala kule nkqubo kwaye liza kunceda ekumiseleni ukuba yeyiphi imibutho kunye nezakhiwo zoluntu ezinomdla wokusebenza kwiKomiti yeWadi. Iwadi nganye iya kuba namalungu eKomiti yeWadi ali-10, aya kufuneka adibane rhoqo noCeba weWadi yawo, athathe inxaxheba kumatyelelo endawo unyaka wonke kwaye alungiselele iintlanganiso zengxelo zekota kunye nabantu abakwiindawo zabo.

Imibutho kunye namaqela oluntu kufuneka asebenzise ixesha ngaphambi kukaSeptemba ukuqinisekisa ukuba amaxwebhu abo angundoqo afanelekile.

Oku kuquka ukuba nomgaqo-siseko okanye olunye uxwebhu olulawulayo apho kufanelekileyo, kunye neenkcukacha ezifunekayo ukugcwalisa ifomu Yokubonakalisa Umdla.

Ukuba umbutho wakho awunawo umgaqo-siseko okanye ufuna uncedo ngamaxwebhu awo, uncedo luya kufumaneka kwiqela likaMasipala loNxibelelwano loLuntu ukukunceda ulungiselele.

Ifomu Yokubonakalisa Umdla ifuna iinkcukacha ezifana negama lombutho, icandelo okanye ibhloko yendawo, nokuba inomgaqo-siseko okanye uxwebhu olulawulayo, umhla wokusekwa kunye nenani lilonke lamalungu njl.njl.

### OKUBALULEKILEYO

**Umtyumbi, umtyunjwa kunye nomxhasi bonke kufuneka babe ngabavoti ababhalisiweyo kwiKhomishini yoNyulo (i-IEC) kwiwadi ethile.**

**Inkqubo epheleleyo yokuchonga iza kulandela ngo-Okthobha 2026, kunye neenkcukacha ezongezelelweyo malunga neemfuno, inkqubo yokunyula kunye namaxwebhu anikezelweyo kufutshane nexesha.**

***Jonga iwebhusayithi kaMasipala (www.overstrand.gov.za > Malunga nathi > Isaziso seWadi Sokubonakalisa Umdla kunye neenkcukacha ezongezelelweyo.***

## ABAPHATHI BAKAMASIPALA ABAXHASILEYO E-GEORGE

IBhunga livumile ukuxhaswa komphathi kamasipala, uGqr. Dean O'Neill, kuMasipala waseGeorge ukuze asebenze njengomphathi kamasipala obambeleyo kangangexesha leenyanga ezintathu, enomkhethe wokwandisa eli lungiselelo kangangeenyanga ezintathu ezongezelelweyo ukuba kuyimfuneko.

UMasipala waseGeorge ucele ukuxhaswa komphathi kamasipala wase-Overstrand kuMasipala waseGeorge ukuba asebenze njengomphathi kamasipala emva kokuba isivumelwano somphathi wangaphambili kamasipala siphelisiwe.

UMnu. Edward Jantjies usebenza njengomphathi kamasipala obambeleyo kuMasipala wase-Overstrand ngexesha lokungabikho kukaGqr. O'Neill. Uthathe imisebenzi yakhe ngoLwesibini, nge-11 ka-Agasti 2026.

## INGABA AWUKWAZI UKUHLAWULA I-AKHAWUNTI YAKHO KAMASIPALA NGOKUPHELELEYO?

Nceda wenze amalungiselelo okuhlawula noMasipala ngaphambi kokuba kuthathwe amanyathelo olawulo lwetyala.
Musa ukulinda de kube kade kakhulu kwaye iinkonzo zithintelwe. Masiyilungise le nto ngaphambi kokuba kufuneke amanyathelo.

Ingxelo yeNqubela-phambili:

# UKUPHUCULA OKUQHUBEKAYO KWIZISEKO ZAMANZI NAMANZI AMDAKA E-OVERSTRAND

UMasipala wase-Overstrand uyaqhubeka nokutyala imali kwiziseko zophuhliso zamanzi nococeko ezibalulekileyo ukuqinisekisa iinkonzo ezithembekileyo kubahlali kunye nokuxhasa iimfuno zoluntu olukhulayo. Ezi projekthi ziqhubekayo zigxile ekuphuculeni amandla, ukuqina kunye nokusebenza kakuhle kweenkqubo zamanzi nococeko, ngelixa zikhusela okusingqongileyo kunye nokugcina umgangatho wamanzi kuwo wonke ummandla.

## UKUPHUCULWA KWESITISHI SOKUMPOMPA AMANZI E-ONRUS KUYAQHUBEKA

Umsebenzi wokwakha uyaqhubeka ngophuculo lwezigidi ezingama-R30 sesitishi sokumpompa amanzi amdaka sase-Onrus ecaleni kwechweba lase-Onrus emva kokufumana igunya lokusingqongileyo leprojekthi kwiSebe leMicimbi yezeNdalo. Le projekthi iya kubonelela ngomthamo wokugcina ongxamisekileyo, ngelixa inyusa kakhulu umthamo wokuphuma kwesitishi sokumpompa ukuhambisa amanzi amdaka kwindawo yokococa amanzi amdaka yaseSchulphoek eHermanus.

Iprojekthi egqityiweyo, ecwangciselwe phakathi kowama-2027, iya kunciphisa kakhulu umngcipheko wokuchitheka kwelindle kwichweba lase-Onrus elibuthathaka.

## UPHUHLISO LWEBALA LEQULA

Umasipala uyaqhubeka nophuhliso lwamanzi angaphantsi komhlaba kunye nomsebenzi wokulungiselela ukukhupha ityuwa emanzini olwandle, kunye nekontrakta yokugrumba ekwindawo okwangoku yebala lequla laseGateway eHermanus. Emva kokuba igqityiwe eGateway, ikontrakta yokugrumba iza kushenxela ePearly Beach ukuze ihlole amanzi angaphantsi komhlaba kuloo ndawo kwinxalenye yokugqibela ka-2026.

## UKUTYALA IMALI KWIZISEKO ZAMANZI NAKUMANZI AMDAKA

Iprojekthi ye-Onrus yinxalenye yenkqubo ebanzi yotyalo-mali oluqhutywa nguMasipala wase-Overstrand ukuqinisa iziseko zophuhliso zamanzi namanzi amdaka kuwo wonke ummandla kamasipala.

Uhlahlo-lwabiwo mali lukaMasipala luka-2026/27 luquka inani leeprojekthi zamanzi namanzi amdaka eziqhubekayo, kuquka ukuhlaziywa kwemisebenzi yokococa amanzi yaseBuffelsrivier kufutshane nePringle Bay, ukuphuculwa kwamabala amaqula aseHermanus, uphuhliso lwamanzi angaphantsi komhlaba ePearly Beach, kunye nokutshintshwa kwemibhobho yamanzi.

Iiprojekthi zenkqubo yamanzi amdaka ziquka ukuphuculwa okukhankanywe ngasentla kwisitishi sokumpompa sase-Onrus, kunye nokuhlaziywa nokuphuculwa kwemisebenzi yokococa amanzi amdaka yaseHawston, okwangoku okukwinqanaba lovavanyo lwempembelelo zokusingqongileyo, ukuphuculwa kwenkqubo ye-telemetry (ukurekhoda nokudlulisa izinto ezifundiweyo) amanzi amdaka, kunye nokwandiswa kwenethiwekhi yamanzi amdaka yaseHawston.

## IMISEBENZI YOKUCOCWA KWAMANZI EBUFFELSRIVIER (WTW)

Olunye utyalo-mali olukhulu kwiziseko zamanzi zaseOverstrand kukuhlaziywa nokuphuculwa kweBuffelsrivier WTW, ephatha amanzi angacocwanga avela kwiDam yoMlambo iBuffels ukuze anikezelwe ngobuninzi kwiidolophu zaseRooi-Els, ePringle Bay naseBetty's Bay.

Ukwakhiwa kucwangciselwe ukuqhubeka kude kube sisiqingatha sesibini sika-2027.

Iindleko zokwakha zizigidi ezingama-R64, ezixhaswa kakhulu sisibonelelo seziseko zamanzi esivela kwiSebe lezaManzi noCoceko.

Le projekthi iquka isakhiwo esitsha sokungena, itanki entsha le-flocculation exutywe ngoomatshini, inkqubo entsha yokuhluza, inkqubo entsha yokubulala iintsholongwane, iinkqubo ezintsha zokugcina iikhemikhali kunye nokunika amathamo, inkqubo entsha yokuhlaziya amanzi, kunye nesakhiwo esitsha solawulo kunye negumbi lokulawula.

## FAKA IZIKHALAZO NGEE-AKHAWUNTI ZAMANZI EZIPHEZULU NGOKUKHAWULEZA UZE UJONGE UKUVUZA

Emva kwenkxalabo ephakanyiswe ngabahlali malunga nemibhobho egqabhukayo, ukuvuza kwangaphantsi komhlaba kunye neeakhawunti zamanzi ngokungaqhelekanga, uMasipala wase-Overstrand angathanda ukukhumbuza abathengi ukuba uncedo lwemali lunokufumaneka phantsi kwecandelo 6.8.1 (Ukuvuza kwaManzi) loMgaqo-nkqubo woKhathalelo lwaBathengi, uLawulo lweTyala kunye nokuQokelelwa kwaMatyala. Ngelixa isicelo ngasinye sivavanywa ngokweempawu zaso kwaye ngokuhambelana nomgaqo-nkqubo, abathengi abafanelekileyo bangafaka isicelo sesaphulelo sokuvuza kwamanzi apho ukusetyenziswa kwamanzi amaninzi kubangele ukuvuza kwicala lomthengi kwimitha yamanzi. Abahlali kufuneka baqaphele ukuba uxanduva lokugcina imibhobho kwicala lomthengi kwimitha yamanzi luhlala luphethwe ngumnini wepropathi. Nangona kunjalo, lo mgaqo-nkqubo ubonelela ngoncedo lwemali kwiimeko ezifanelekileyo apho iimfuno ezithile zifezekisiweyo.

### UKUZE BAFANELEKE, ABATHENGI KUFUNEKA:

- Bangenise isicelo sesaphulelo sokuvuza kwamanzi esigcwalisiweyo kwifomu emiselweyo kwiintsuku ezingama-90 emva kokuba ukuvuza kulungisiwe.
- Balungise ukuvuza kwiintsuku ezili-10 zokusebenza emva kokuyifumana, okanye bathathe amanyathelo asebenzayo okuthintela ukulahleka kwamanzi okungakumbi.
- Bangenise amaxwebhu axhasayo, njengengxelo yombhobho okanye i-invoyisi, ubungqina bokulungisa, okanye i-afidavithi evela kumntu owenze ukulungiswa.
- Bahlangabezane neemfuno zomgaqo-nkqubo malunga nezicelo zangaphambili, njengoko izaphulelo zokuvuza kwamanzi zihlala zikhawulelwe kwisicelo esinye rhoqo kwiinyanga ezili-18, ngokuxhomekeke kwimimiselo yomgaqo-nkqubo.

Apho kuvunyiweyo, isaphulelo sibalwa ngokwexabiso lokusetyenziswa kwamanzi angaphezulu kunomyinge wokusetyenziswa komthengi kangangexesha elininzi leenyanga ezintathu. Abathengi banokufanelekela isaphulelo kwiindleko zamanzi aggithisileyo apho banokubonisa ukuba amanzi avuzayo awangenanga kwimibhobho kamasipala. Nceda uqaphele ukuba ukuvuza okuquka iinkqubo zokunkcenkceshela akufanelanga isaphulelo sokuvuza kwamanzi. Ifomu yesicelo sesaphulelo sokuvuza kwamanzi esimiselweyo iyafumaneka kwiwebhusayithi kaMasipala ku-www.overstrand.gov.za phantsi kwe lifomu zesicelo > linkonzo zezeMali: Isicelo sesaphulelo samanzi.

Ukuba unemibuzo okanye ungenise ibango lakho, qhagamshelana neSebe lezeMali ku-028 313 8000 okanye ku-enquiries@overstrand.gov.za, sebenzisa i-Overstrand Citizen App, okanye utyelele iofisi kamasipala ekufutshane nawe.

Ukubonwa kwangoko kokuvuza, ukulungiswa ngokukhawuleza kunye nokungeniswa kwezicelo ngexesha elifanelekileyo kunokunceda ukuthintela ukulahleka kwamanzi okungakumbi kunye nokunciphisa impembelelo yemali yokusetyenziswa kwamanzi aggithisileyo.

## NDINGAZI NJANI UKUBA NDINOKUVUZA KWAMANZI KWIPROPATI YAM?

Ukuvuza kwamanzi angaphantsi komhlaba kunokungabonakali kangangeeveki okanye iinyanga kwaye kunokubonakala kuphela xa ufumana iakhawunti yamanzi kamasipala ephezulu ngokungaqhelekanga.

### Ukuba ukrokrela ukuvuza, zama olu vavanyo lulula:

- MVala zonke iimpompo kwaye uqinisekise ukuba akukho manzi asetyenziswayo kwipropati.
- Fumana imitha yakho yamanzi, edla ngokufumaneka kufutshane nomda wepropati.
- Bhala phantsi ukufundwa kwemitha.
- Qinisekisa ukuba akukho mntu usebenzisa amanzi ubuncinane iyure enye (okanye wenze uvavanyo ubusuku bonke).
- Jonga kwakhona ukufundwa kwemitha. Ukuba umlinganiselo unyukile, kusenokwenzeka ukuba kukho ukuvuza kwipropati yakho.

### Ii-akhawunti zamanzi eziphezulu kakhulu zinokubangelwa zezi zinto zilandelayo:

- Ukuvuza ngaphantsi komhlaba okanye okufihliweyo
- Izindlu zangasese okanye iimpompo ezivuzayo
- Ukufundwa kwemitha okungachanekanga
- Iimitha zamanzi ezingalunganga (ezingaqhelekanga)

Ukuba ukholelwa ukuba iakhawunti yakho iphezulu ngokungaqhelekanga, qhagamshelana neSebe lezeMali likaMasipala wase-Overstrand ukuqinisekisa iakhawunti yakho kunye nokufundwa kwemitha. Ungathumela i-imeyili kwi-enquiries@overstrand.gov.za, ufake isikhalazo (isicelo senkonzo) nge-Overstrand Citizen App, okanye utyelele iofisi kamasipala ekufutshane nawe. Ukuba ukuvuza kuqinisekisiwe kwicala lakho lemitha yamanzi, kuhlala kungumsebenzi womnini wepropati ukulungiselela ukulungiswa.

Nangona kunjalo, abathengi abafanelekileyo bangafaka isicelo sesaphulelo sokuvuza kwamanzi ngokwemigaqo yoMgaqo-nkqubo woKhathalelo lwabaThengi, uLawulo lweTyala kunye nokuQokelelwa kwaMatyala, iCandelo 6.8: linkqubo zoNcedo lwabaThengi – 6.8.1 Ukuvuza kwamanzi. Izicelo mazingeniswe kwifomu emiselweyo, kunye namaxwebhu axhasayo afunekayo, kwiintsuku ezingama-90 emva kokuba ukuvuza kulungisiwe.